URhulumente weNtshona Koloni

EzeMfundo

ICandelo loLawulo loVavanyo

Isalathiso: 20180905-6055
Inombolo yefayili: 13/1/1/3
Imibuzo: M Combrink

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo: 0013/2018

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaphathi bokuNika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zamaziko alungiselela abafundi iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

**Isihloko: Isikhokelo sokuphunyezwa nokulawulwa kweThuba loKuhlalela uViwo iXesha eLingaphezu koNyaka labafundi abakwiBakala 12 abadluliselweyo**

1. Le ngcaciso imfutshane mayifundwe kunye nemimiselo ii-*Regulations pertaining to the National Curriculum Statement Grades R-12, the Regulations pertaining to the Conduct, Administration and Management of the National Senior Certificate examination and the Policy pertaining to the Programme and Promotion Requirements of the National Curriculum Statement Grades* R-12, njengoko zifakelwe izilungiso kwiGazethi kaRhulumente, Vol. 618 No. 40472, yowe-02 Disemba 2016 nakwiNgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo 0017/2017, yowe-10 Oktobha 2017.

2. **IThuba loKuhlalela uViwo iXesha eLingaphezu koNyaka (*Multiple Examination Opportunity*) (*MEO*) labafundi abakwiBakala 12 abadluliselweyo**

2.1 Kuphela yi-46% yabafundi abaye bakhetha inkqubo enokukhethwa yeThuba loKuhlalela uViwo iXesha eLingaphezu koNyaka (*MOE*) ngo-2017, abalubhalayo uviwo lwangoMeyi/Juni 2018.

2.2 Izikolo mazizibophelele kakhulu ekuxhaseni nasekukhuthazeni abafundi be*MEO* babo kumalungiselelo abo oviwo lwangoMeyi/Juni.

2.3 Ukhetho lwe*MEO* lunika abafundi **abadluliselweyo ukusuka kwiBakala 11 ukuya kwiBakala 12**, isigqibo sokubhala iphakheji yezifundo ezinganeno kwezintandathu kuviwo lwangoNovemba 2018 bandule ukubhala izifundo ezishiyekileyo kuviwo lwangoJuni 2019.

Lower Parliament Street, Cape Town, 8001
Tel: +27 21 467 2626 Fax: +27 21 467 9370
Safe Schools: 0800 45 46 47
Private Bag X9114, Cape Town, 8000
Employment and salary enquiries: 0861 92 33 22
www.westerncape.gov.za

2.4 **Inkqubo yabafundi abadluliselweyo mayibekwe esweni** kunyaka weBakala 12, yaye ngokuthethana **nabazali/nabagcini,** abafundi baya kuvunyelwa ukuba babhale uviwo kwizifundo ezine (kuqukwa noLwazi ngezoBomi) ngo-2018 zize izifundo ezishiyekileyo zibhalwe kuviwo lwangoJuni 2019.

2.5 Ukuze kuqinisekiswe ukwenziwa kwezinto ngokuyondeleleneyo ekusetyenzisweni kwenkqubo enokukhethwa ye*MEO*, umfundi okhetha le nkqubo inokukhethwa makahambelane mbo nazo **zonke** ezi khrayitheriya zilandelayo:

Umfundi kufuneka:

(a) abe ebedluliselwe ukusuka kwiBakala 11 ukuya kwiBakala 12;
(b) abe ngozizalise zonke iimfuno zakhe zoVavanyo oluQhubekela eZikolweni (*SBA*) kuzo zosixhenxe izifundo kwiBakala 12;
(c) abe ngobesihamba isikolo yonke imihla (angabi ngongahambi sikolo kude kugqithise kwiintsuku zokufundisa eziyi-20, kungekho sizathu sibambekayo);
(d) abe ngowayezibhalile iimviwo zangoSeptemba 2018 kuzo zonke izifundo; yaye
(e) etshone ubuncinane bezifundo ezithathu kwiimviwo zangoSeptemba 2018.

2.6 Iinqununu maziqinisekise ukuba umzali/umgcini womfundi oyifaneleyo inkqubo enokukhethwa ye*MEO* uyaziswa malunga noko ngokubhaliweyo **kwisiHlomelo A** esiqhotyoshelweyo apha. Umzali/umgcini makabhale phantsi ukuba ngaba uyayamkela okanye akayamkeli ingcebiso. Isikolo masigcine okubhaliweyo ukwenzela xa kuye kwacelwa ubungqina yi-ofisi yesithili okanye nguNdlunkulu.

2.7 Ukwalathwa kwabafundi be*MEO* makwenziwe nge*CEMIS* ungadlulanga owe-**17 Oktobha 2018** yaye kuphela ziingcebiso ezamkelweyo ezinako ukurekhodwa. Kucelwa ukuba ulandele zonke iinkqubo njengoko zibhaliweyo **kwisiHlomelo B**.

3. **Kucelwa uqaphele** ukuba inkqubo enokukhethwa eyi*MEO* isebenza **kuphela** kubafundi abadluliselweyo ukusuka kwiBakala 11 ukuya kwiBakala 12.

4. Kucelwa wazise okukule ngcaciso imfutshane bonke ootitshala beBakala 12, abafundi kunye nabazali/nabagcini esikolweni okuso ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-PAD BEETS
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO**
**UMHLA:** 2018-09-28

Western Cape Government

Education

Directorate: Assessment Management

ANNEXURE A

## APPLICATION FOR MULTIPLE EXAMINATION OPPORTUNITY (MEO)

SCHOOL: ____________________________________________ DISTRICT: __________________________

LEARNER: ____________________________________________ EXAM NO.: ________________________

**A learner selecting this option must comply with all the following criteria:**

**YES/NO** was progressed from Grade 11 to Grade 12;

**YES/NO** has completed all his/her School-based Assessment (SBA) requirements in all seven subjects;

**YES/NO** has attended school on a regular basis (absenteeism in excess of 20 teaching days, without a valid reason);

**YES/NO** has written the September 2018 examinations in all subjects; and

**YES/NO** has failed a minimum of three subjects in the September 2018 examination. **(Attach a copy of the September report.)**

The learner complies with **all** the above criteria and applies for the MEO option to write his/her subjects over the two examinations as follows:

**(SUBJECTS TO BE COMPLETED BY THE SCHOOL)**

| Four subjects that will be written in 2018 | Three subjects that will be written in June 2019 |
|---|---|
| Life Orientation | |
| | |
| | |
| | |

I, Mr/Mrs/Ms ______________________________________________________________ (parent/guardian)

of ____________________________________________________________________ (Grade 12 learner)
hereby confirm that the school has informed me of my child's performance and I agree to the writing of the subjects in November 2018 and June 2019.

____________________________________

**PARENT/GUARDIAN SIGNATURE**

____________________________________

**DATE**

____________________________________

**PRINCIPAL SIGNATURE (NAME AND SURNAME)**

____________________________________

**DATE**

School stamp

**Guidelines for the management of Multiple Examination Opportunity (MEO) for progressed Grade 12 learners on CEMIS and printing of revised examination admission letters**

Procedures to follow on CEMIS:

1. Log on to CEMIS.
2. Go to "EXAMS/ASSESSMENTS" – "MEO/Progressed" menu option.

3. **Register progressed learner who opt for the MEO option:**

3.1 Select the "MEO candidates" button – list of progressed learners will be displayed.
3.2 Tick to select the learner.
3.3 Change the MEO status to "YES".
3.4 Select "update" to save changes.
3.5 Repeat process for all learners opting for MEO.
3.6 Learner's CEMIS ID will become a "link" if the update was successful.

4. **Indicate the MEO subjects to be written in 2019:**

4.1 Click on the "link" – the list of registered subjects will be displayed.
4.2 Change the status of the subjects to be written in June 2019 to "YES".
4.3 Select "Save" to save the changes.
4.4 Repeat process for all learners opting for MEO.

5. **Print the revised admission letter:**

5.1 Select the "Print MEO Candidates Subjects" option.
5.2 <u>Bulk Print</u> – select if all MEO learners' admission letters must be printed.
5.3 <u>Print individual admission letter</u> (with "CEMIS learner ID") – insert the CEMIS learner ID to print individual letters.

6. It is important that all MEO learners are given an admission letter indicating only the subjects written in the November 2018 examination.

7. Should schools not be in a position to generate a revised admission letter on CEMIS, the original admission letter issued by the Western Cape Education Department (WCED) must be used. The subjects that will be written in June 2019, however, must be neatly struck off. The principal must sign the admission letter.

8. The identification of the MEO learners must be done on CEMIS by **17 October 2018** and only accepted recommendations may be recorded.